

It starts with a story...

## Read in your language!

**We all have at least one language that we understand and communicate best in, although some of us may have more! People use different labels for this language – like “mother tongue” or “mother language” or “home language” – but it is the language we learnt first. It’s the language we think and feel in, the one in which it is easiest for us to express ourselves and communicate with others.**

From birth, children hear language around them. First they understand it and then they start to use it themselves. In fact, by the time they are five years old, children’s brilliant young brains have helped them learn how to think and communicate in their home language. But they do still need plenty of opportunities to hear and use their language so that they know it well enough to learn increasingly difficult concepts and skills.

Being read to in your own language should not be considered a nice optional extra for children. It is really an essential and powerful part of learning language and developing literacy. When you read to children regularly in their home language/s, you give them a strong language foundation that makes all learning easier.

If you don’t understand what you are reading, then you are not really reading – no matter how well you can say the words on the page! So, because understanding is at the heart of reading, children need to listen to stories being read in their home language. They can then concentrate completely on the flow of the story instead of struggling to understand a language they don’t know well yet.

Good stories are full of creative language that stimulates our imaginations and gets us thinking about how to solve problems. Authors carefully pick words and phrases that unlock the worlds they are creating for their readers. Like a hearty soup provides goodness to nourish our bodies, reading great stories provides goodness to nourish our minds. They inspire children to read in their home language and then, later on, to learn to read stories in other languages too.

## Funda ngolwimi lwakho!


**Sonke sinolwimi esiluoqondayo olunye ubuncinane nolulolona siluthetha kakuhle, nangona abanye bethu banganeelwimi ezininzi kunoko! Abantu balubiza ngeendlela ezininzi olo lwimi – “njengolwimi lweenkobe” okanye “ulwimi lwasekhaya” okanye “ulwimi lwebele” – kodwa olo lwimi esiqala ngalo ukulufunda. Lulwimi esicinga ngalo nesivakalelwa ngalo, olona lwimi sikuva kulula ukuvakalisa izimvo zethu ngalo nokunxibelelana ngalo nabanye abantu.**

Ukusukela ekuzalweni, abantwana beva ulwimi kuyo yonke indawo abakuyo. Kuqala bathi bazame ukululandela ze baqalise ke nabo ukulusebenzisa. Kunjalo nje, bathi xa befikelela kwiminyaka emihlanu, zibe iingqondo zabo ezincinane nezikrelekrele sele zibancede bafunda iindlela zokucinga nokunxibelelana ngolwimi lweenkobe lwabo. Kodwa ke, babe besadinga amathuba amaninzi kakhulu okuva nokusebenzisa ulwimi lwabo ukuze balwazi ngokwaneleyo khon’ukuze bafunde iingqikelelo nezakhono ezihamba zibe qatha.

Ukufundelwa ngolwimi lwakho akumele kube yenye nje yezinto ezimnandi ezinokukhethwa ukwenzelwa abantwana. Eneneni le yinxalenye ebalulekileyo nenamandla yokufunda ulwimi nokuphuhlisa ilitheresi. Xa ufundela abantwana rhoqo ngolwimi/ngeelwimi zeenkobe, ubanika isiseko esiluoqilima solwimi esiya kwenza konke ukufunda kube lula.

Ukuba awuqondi okufundayo, eneneni awufundi – nokuba ungawabiza kakuhle kangakanani na amagama akwelo phepha! Ngoko ke, ngenxa yokuba ukuqonda ngundoqo wokufunda, abantwana kufuneka baphulaphule amabali abawafundelwa ngolwimi lwasekhaya. Ngoko ke baya kukwazi ukuzikisa iingqondo zabo ebumnadini bebal endaweni yokusokola bezama ukulandela ulwimi abangekalwazi kakuhle.

Amabali angawo ngazele bubuciko bolwimi obuvuselela ingqikelelo nemifanekiso-ngqondweni buze busenze sicinge ngeendlela zokusombulula iingxaki. Ababhali bakhetha ngobunono amagama namabinzana abathi bawasebenzisele ukuvula iingcango zehlabathi abalakhela abafundi babo. Njengoncuthu lwesuphu eyondla neyakha imizimba yethu, ukufunda uncuthu lwamabali kwakha ze kondle iingqondo zethu. Athi avuselele abantwana ukuba bafunde ngolwimi lweenkobe lwabo, ukuze emva koko, bafunde ukufunda amabali nangezinye iilwimi.



**International Mother Language Day is celebrated across the world on 21 February every year. Share a story or two with your children on this day using your home language.**

**USuku loLwimi lweNkobe lweZizwe ngeZizwe lubhiyozelwa kwihlabathi jikelele rhoqo ngonyaka, ngomhla wama-21 kweyoMdumba. Ngolu suku, yabelana ngebali okanye ngamabali amabini nangaphezulu kunye nabantwana bakho, usebenzisa ulwimi lweenkobe.**


**We will be taking a break until the week of 15 April 2018. Join us then for more Nal'ibali reading magic!**

**Siza kukhe sithathe ikhefu kude kube yiveki yomhla we-15 kuTshazimpuzi kowama-2018. Uze usijoyine ngoko ukuze ufumane obunye ubuncwane obuninzi bomangaliso wokufunda wakwaNal'ibali!**



**Drive your imagination**

Join us in taking the power of stories to the next level. Let's go!  
Sijoyine ukuze siwenyusele kwinqanaba elilandelayo amandla amabali. Masiye!



# Celebrate our languages!

# Masibhiyozele iilwimi zethu!

Afrikaans/IsiAfrikansi



Josh/UJosh

English/IsiNgesi



Priya/UPriya

English/IsiNgesi

---



---



---

Hope/UHope



Noodle/UNoodle

Dog language/Ulwimi lweziNja

IsiXhosa

Bella/UBella

IsiZulu



Neo/UNeo

Mbali/UMbali

Sesotho/ISesotho

Afrika/UAfrika



Sesotho/ISesotho

Dintle/UDintle

## Instructions

1. Look at the pictures and information to find out what home languages the Na'ibali characters speak. Do any of them speak the same home language/s as you?
2. Draw a picture of yourself in the middle.
3. Write your name and the home language/s you speak in the box next to your picture.
4. Cut off the bottom of the page and display your poster.



## Imiyalelo

1. Jonga imifanekiso neenkukacha ezinikiweyo ukuze ufumanise ukuba zeziphi iilwimi zeenkobe ezithethwa ngabalinganiswa bakwaNa'ibali. Ingaba bakhona kubo abathetha ulwimi lweenkobe/iilwimi zeenkobe ezifana nolwimi oluthethwa nguwe?
2. Zoba umfanekiso wakho embindini.
3. Bhala igama lakho nolwimi lweenkobe/iilwimi zeenkobe ozithethayo ebhokisini esecaleni komfanekiso wakho.
4. Sika ukhuphe umzantsi wephepha uze uxhome ngeenjongo zokubonisa ngepowusta yakho.



Drive your imagination

## Dear Nal'ibali

We speak isiZulu at home. My youngest child is in Grade 2 and I'm happy that, although he is learning English at school, all his other lessons are in isiZulu. His older sister is in Grade 6. When she went to Grade 4, suddenly all her lessons were in English even though she still did isiZulu as a subject. It was very difficult for her, and her marks dropped a lot. I want to help prepare my son for the switch to English in two years' time so that he does not struggle as much as she did. Do you think I should help him by speaking and reading to him only in English and not in isiZulu?

*Thokozile Dlungwana, KwaMashu*

## Dear Thokozile

It is extremely difficult for children to do well at school when they have to learn in a language that they have not yet mastered properly. One of the ways you can help prepare your son for the switch to English is to continue doing what you are already doing – use his home language, isiZulu, at home! Use it for everyday conversations and reading and writing. Being able to use his home language well, will build a firm foundation for him to learn another language. You can also help him make the connections to English by sometimes reading English picture books to him and by singing and saying English songs and rhymes together. If you do this, you will be developing his home language and adding to his language skills by helping him learn a new language in a natural and fun way.

*The Nal'ibali Team*

## Nal'ibali othandekayo

Ekhaya sithetha isiZulu. Umntwana oligqibelo kum ufunda iBanga le-2 kwaye ndinovuyo kukuba, nangona efunda isiNgesi esikolweni, zonke ezinye izifundo zakhe zenziwa ngesiZulu. Udadewabo omdala ukwiBanga le-6. Yena wathi akuba efikelele kwiBanga le-4, ngesiqophe zonke izifundo zakhe zaqalisa ukuqhutywa ngesiNgesi nangona ebasasifunda isiZulu njengesifundo. Kwakunzima kakhulu kuye, amanqaku akhe ehla kakhulu. Ngoku ndifuna ukuba unyana wam xa efika kolo tshintsho lokufunda ngesiNgesi kwiminyaka emibini ezayo, angatsali nzima njengendlela udadewabo awatsala ngayo. Ucinga ukuba kungaluncedo kuye ukuba ndithetha naye ngesiNgesi ndiphinde ndimfundele kwangaso kuphela endaweni yokusebezisa isiZulu?

*NguThokozile Dlungwana, waKwaMashu*

## Thokozile othandekayo

Kunzima kakhulu ebantwaneni ukuba baqhube kakuhle esikolweni xa befunda ngolwimi abangekaluchani kakuhle. Enye yeendlela onokumnceda ngayo umntwana wakho ukuba alulungele olo tshintsho lokufunda ngesiNgesi kukuqhuba ngokwenza oku sowukuqalile – sebenzisa ulwimi lwakhe lwasekhaya, olusisiZulu, ekhaya! Lusebenzise kuzo zonke iincoko zemihla ngemihla nasekufundeni kwanasekubhaleni ngokunjalo. Xa eqinisekile ngolwimi lweenkobe lwakhe, oko kuya kwakha isiseko esiluhlakile sokufunda olunye ulwimi. Kananjalo usenakho nokumnceda ukuba akwazi ukubona unxulumano esiNgesini ngokuthi ngamanye amaxesha umfundele iincwadi zemifanekiso zesiNgesi kwanangokuthi wenze izicengelezo uphinde ucule iingoma ezinamazwi esiNgesi ngokunjalo. Ukuba uyakwenza oku, uya kuba uphuhlisa ulwimi lwakhe lweenkobe kwaye ukwamxhobisa nangezakhono zobuchule bolwimi ngokumnceda ukuba afunde ulwimi olutsha ngendlela eyindalo nelulonwabo.

*Liqela lakwaNal'ibali*

## Dear Nal'ibali ... Nal'ibali othandekayo ...

WRITE TO US!  
SIBHALELE!

The Nal'ibali Supplement  
The Nal'ibali Trust  
Suite 17-201, Building 17  
Waverley Business Park  
Wycroft Road  
Mowbray  
7700

[info@nalibali.org](mailto:info@nalibali.org)

## Dear Nal'ibali

My wife speaks Sepedi and English, and I speak Setswana and English. Our children learnt to speak Sepedi and Setswana before they went to school, and now they are also learning English at school. We love reading stories to them and we want to help them develop all three languages, but it is difficult to find stories to read in Sepedi and Setswana. Can you help us?

*Itumeleng Kgomo, Kagiso*

## Dear Itumeleng

You are right! It is much harder to find stories in Sepedi and Setswana that children can read for pleasure. But we can help! You can download and print stories in all South Africa's official languages from our website ([www.nalibali.org](http://www.nalibali.org)). Your children can also read them on a cellphone when you go to our mobisite ([www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi)). We hope you enjoy our stories.

*The Nal'ibali Team*

## Nal'ibali othandekayo

Inkosikazi yam ithetha iSepedi nesiNgesi, mna ke ndithetha iSetswana nesiNgesi. Abantwana bethu bafunde ukuthetha iSepedi neSetswana phambi kokuya esikolweni, kanti ngoku sebefunda nesiNgesi esikolweni. Siyakuthanda ukubafundela amabali kanti siqwenela nokubancedisa kuphuhliso lwabo lwazo zontathu ezi lwimi, kodwa kunzima ukufumana amabali abanokuwafunda eSepedi naweSetswana. Ungakwazi ukusinceda?

*Itumeleng Kgomo, eKagiso*

## Itumeleng othandekayo

Unyanisile! Kuthe kratya ukubanzima oku ukufumana amabali abhalwe ngeSepedi nangeSetswana abantwana abanokuwafundela ukuzonwabisa. Kodwa singakunceda! Unakho ukuwakopa kwi-intanethi amabali uze uziprintele wona ngazo zonke iilwimi ezisemthethweni zaseMzantsi Afrika kwiwebhusayithi yethu ethi ([www.nalibali.org](http://www.nalibali.org)). Kananjalo abantwana bakho banokuwafunda nakwiselula xa uthe waya kule mobhisayithi yethu ithi ([www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi)). Siyathemba ukuba niyakuwonwabela amabali ethu.

*Liqela lakwaNal'ibali*

It's International Mother Language Day on 21 February! Celebrate it by reading the stories in the Nal'ibali Supplement with your children. Read them in your home language first and then read them in the other language.

LuSuku loLwimi lweeNkobe lweZizwe ngeZizwe ngomhla wama-21 kweyoMdumba! Lubhiyozeleni olu suku ngokufunda amabali oHlelo lukaNal'ibali nabantwana benu. Wafundeni ngolwimi lweenkobe lwenu kuqala, ze ke emva koko niwafunde nangolunye ulwimi olu lohlelo.





## Get story active!

Here are some ideas for using the two cut-out-and-keep picture books, *Lyle the crocodile* (pages 5, 6, 7, 8, 11 and 12) and *How many?* (pages 9 and 10), as well as the Story Corner story, *The pouch of gold* (page 14). Choose the ideas that best suit your children's ages and interests.

### Lyle the crocodile

In this story, Lyle doesn't like brushing his teeth and now he has terrible toothache. His friend takes him to the dentist, but Lyle won't let the dentist help him. Eventually Lyle gets help with cleaning his teeth, and he doesn't even have to brush his teeth! This story encourages children to look after their teeth.



- ★ As you read the story together, enjoy looking at the pictures and talking about the details in them.
- ★ Play a game that encourages critical thinking. Discuss the following questions, giving each other reasons for your choices:
  - ☉ If you were a dentist, would you rather fix the teeth of a crocodile or a hippo?
  - ☉ Would you rather clean your teeth yourself, or have someone else clean them for you? What if that person were a baby?
- ★ Ask your children to think about what they do to look after their teeth – or what they should do. Then suggest that they write some rules for Lyle to follow so that he looks after his teeth better.
- ★ Encourage your children to look at their wide-open mouths in a mirror and then to draw or paint a picture of the inside of their mouths.

### How many?

This little book focuses on numbers while telling a story. Younger children will enjoy it, but you can use it with older children too. Suggest that they read it in their mother tongue first and then in the other language of the supplement. They can also read it to each other and to younger children who they know.



- ★ As you read the book, allow time for your children to count the items and answer the question on each page.
- ★ After you have read the book together, invite your children to tell the story that is in the pictures. If they need help starting, look at page 2 and say, "One day ...". Then let them complete the story.
- ★ Suggest that your children make their own number books. Let them draw pictures or cut them out of magazines. Then they can add numbers and words to the pages of their book.

### The pouch of gold

A homeless man tells the truth about the pouch of gold coins that he found, but will the king believe him? This is a story about honesty and treating everyone with respect.



- ★ After you have read the story, talk about it with your children. Together discuss questions like these, and encourage your children to suggest reasons for their opinions.
  - ☉ Do you think the merchant would have treated the man differently if he had not been homeless? Do you think that is fair?
  - ☉ Do you think the king behaved fairly towards the homeless man and the merchant?
- ★ Imagine that the merchant wanted to put a reward notice in the local newspaper. What would it look like? What would it say? Invite your children to design the notice.
- ★ Encourage your children to create a radio news report on what happened in the story. Suggest that they include an interview with the merchant and the homeless man in their report.

## Yenza ibali linike umdla!

Nazi ezinye iingcebiso ezingokusebenzisa iincwadana ezimbini onokuzisika-ze-uzigcine, *Ingwenya egama linguLizo* (okwiphepha le-5, ele-6, ele-7, ele-11 nele-12) kunye no*Zingaphi?* (okwiphepha le-9 nele-10), kwakunye nebali leNdawo yamaBali, *Ingxowa yegolide* (okwiphepha le-15). Khethe ezo mbono zihambelana nobudala kunye nemidla yabantwana bakho.

### Ingwenya egama linguLizo

Kweli bali, uLizo akakuthandi ukuhlamba amazinyo akhe ngoku unezinyo eliqaqamba ngokungathethekiyo. Umhlobo wakhe ufuna ukumsa kugqirha wamazinyo, kodwa uLizo akakufuni ukubonana nogqirha ukuze amncede. Ekugqibeleni uLizo ufumana uncedo lokucoca amazinyo akhe, kwaye oko kwenzeka ngaphandle kwesidingo sokuqalisa nokuwahlamba oku! Eli bali likhuthaza abantwana ukuba bawakathalele amazinyo abo.

- ★ Lo gama nifunda amabali nikunye, yonwabelani ukubuka imifanekiso nangokuncokola ngeenkukacha eziqulathwe yiloo mifanekiso.
- ★ Dlalani umdlalo okhuthaza ukucinga ngokuhluzayo. Xoxani ngale mibuzo elandelayo, ze apho phakathi kwenu ninikane izizathu zokufikelela kwisigqibo ngasinye senu enithe nafikelela kuso ngoko nikukhethileyo:
  - ☉ Ukuba ubungugqirha wamazinyo, ingaba ubuyakukhetha ukulungisa amazinyo engwenya okanye awemvubu?
  - ☉ Ukhetha ukuwacoca ngokwakho amazinyo akho, okanye ukhetha ukucela omnye umntu ukuba acoce amazinyo akho? Ubuza kuthini ke xa loo mntu elusana?
- ★ Cela abantwana bakho ukuba bacinge ngento abayenzayo ukukhathalele amazinyo abo – okanye oko bafanele ukukwenza. Emva koko ke bacebise ukuba babhalele uLizo imithetho ethile afanele ukuyilandela ukuze akhathalele amazinyo akhe bhetele.
- ★ Khuthaza abantwana bakho ukuba bajonge imilomo yabo xa bekhamise kakhulu bezibuka esipilini baze ke emva koko bazobe imifanekiso yemiphakathi yemilomo yabo.

### Zingaphi?

Le ncwadi incinane igqalisela emananini lo gama kubaliswa ibali. Abantwana abancinane baya kuyithanda kakhulu, kodwa ungayisebenzisa nakwabadadlana abantwana. Bacebise ukuba bayifunde ngolwimi lwabo lweenkobe kuqala ze ke, bandule ukuyifunda ngolunye ulwimi olu lohlelo. Kananjalo basenakho nokufundelana futhi bafundele nabantwana abancinane ababaziyo.

- ★ Xa ufunda incwadi, nika abantwana bakho ixesha lokubala izinto baze baphendule umbuzo kwiphepha ngalinye.
- ★ Emva kokuba nifunde incwadi kunye, mema abantwana bakho ukuba babalise ibali elisemifanekisweni. Xa bedinga uncedo lokuqalisa, jonga kwiphepha le-2 uze uthi, "Ngenye imini ...". Emva koko mabagqibezele ibali.
- ★ Cebisa abantwana ukuba benze ezabo iincwadi zamanani. Mabazobe imifanekiso okanye bayisike kwiimagazini. Emva koko basenokufakela amanani namagama emaphepheni eencwadi zabo.

### Ingxowa yegolide

Indoda eyayingenakhaya ithetha inyaniso ngengxowa yeengqembe zegolide eyicholeyo, kodwa ingaba ukumkani uya kukukholelwa koko? Eli libali elimalunga nokuthembeka kunye nokuphatha wonke umntu ngentlonipho.

- ★ Emva kokuba ufunde ibali, thetha ngalo nabantwana bakho. Ninonke xoxani ngemibuzo efana nale, uze ukhuthaze abantwana bakho ukuba baxele izizathu zezimvo zabo.
  - ☉ Nicinga ukuba umrhwebi ebeya kuyiphatha ngendlela eyahlukileyo indoda engenakhaya xa ibingumntu onekhaya? Nicinga ukuba oko yimpatho engenamkhethe?
  - ☉ Nicinga ukuba ukumkani ebengenamkhethe ngokuphathelele kwindoda engenakhaya nakumrhwebi?
- ★ Khanicinge xa umrhwebi ebefuna ukufaka isaziso esikhatshwa libhaso kwiphephandaba lendawo leyo. Besiza kuba njani? Besiza kuthini? Cebisa abantwana bakho ukuba bayile eso saziso.
- ★ Khuthaza abantwana bakho ukuba baqambe ingxelo yeendaba zikanomathotholo ngento eyenzeke ebalini. Bakhokele ukuba baquke udlwano-ndlebe nomrhwebi kunye nendoda engenakhaya kwingxelo yabo.



### Create TWO cut-out-and-keep books

#### How many?

1. Tear off page 9 of this supplement.
2. Fold the sheet in half along the black dotted line.
3. Fold it in half again along the green dotted line to make the book.
4. Cut along the red dotted lines to separate the pages.

#### Lyle the crocodile

1. To make this book use pages 5, 6, 7, 8, 11 and 12.
2. Keep pages 7 and 8 inside the other pages.
3. Fold the sheets in half along the black dotted line.
4. Fold them in half again along the green dotted line to make the book.
5. Cut along the red dotted lines to separate the pages.



### Zenzele iincwadana EZIMBINI onokuzisika-ze-uzigcine

#### Zingaphi?

1. Krazula, ukhuphe iphepha le-9 lolu hlelo.
2. Lisonge phakathi ulandela umgcana ongamachaphaza amnyama.
3. Lisonge phakathi kwakhona ulandela umgcana ongamachaphaza aluhlaza ukwenza incwadi.
4. Sika ke ngoku ulandela imigcama yamachaphaza abomvu ukuhlula amaphepha.

#### Ingwenya egama linguLizo

1. Xa usenza le ncwadi sebenzisa iphepha le-5, ele-6, ele-7, ele-8, ele-11, nele-12.
2. Faka iphepha le-7 nele-8 ngaphakathi kwamanye amaphepha la.
3. Wasonge la maphepha phakathi kumgcana ongamachaphaza amnyama.
4. Wasonge phakathi kwakhona ulandela umgcana ongamachaphaza aluhlaza ukwenza incwadi.
5. Sika ke ngoku ulandela imigcama yamachaphaza abomvu ukuhlula amaphepha.



Uizo watshtshliza ngomqolo wehla estuweni waze  
wagqotsa ukuphuma apho.  
“Andizukwazi ukuphinda ndikuncede nanini na?”  
watsho uMlandla.



Lyle slid out of the chair and away as fast  
as he could.  
“I can't help you anymore,” said Harry.



We publish what we like

This is an adapted version of *Lyle the crocodile* published by Jacana Media and available in bookstores and online from [www.jacana.co.za](http://www.jacana.co.za). This story is available in isiXhosa, isiZulu, English and Afrikaans. Jacana publishes books for young readers in all eleven official South African languages. To find out more about Jacana titles go to [www.jacana.co.za](http://www.jacana.co.za).

Funda ibali eliyintsusa elithi, *Ingwenya egama linguLizo* elishicilelwe yiJacana Media kwaye lifumaneka ezivenkileni zeencwadi nakwi-online ku-[www.jacana.co.za](http://www.jacana.co.za). Eli bali lifumaneka ngesiXhosa, ngesiZulu, ngesiNgesi nangesiAfrikansi. IJacana ishicilela iincwadi zabafundi abaselula ngazo zonke iilwimi ezivunyiweyo ezilishumi elinanye zaseMzantsi Afrika. Ukuze ufumane iinkcukacha ezigcweleyo ngeetayitile zeJacana yiya ku-[www.jacana.co.za](http://www.jacana.co.za).

© Jacana Media (South African rights only) Tel: 011 628 3200



Nal'ibali is a national reading-for-enjoyment campaign to spark and embed a culture of reading across South Africa. For more information, visit [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) or [www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi)




UNal'ibali liphulo likazwelonke lokufundela ukuzonwabisa elinjongo yalo ikukuvuselela nokwendiselisa inkcubeko nesithethe sokufunda kuMzantsi Afrika uphela. Ukuze ufumane iinkcukacha ezithe vetshe, ndwendwela ku-[www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) okanye ku-[www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi)



# Lyle the crocodile

## Ingwenya egama linguLizo



Dianne Stewart  
Joan Rankin  
Xolisa Guzula




“Ukuba akuwacoci amazinyo akho, aza kubola,”  
 watsho uGqirha Bamba eqinisekile. “Kufuneka  
 uwavungile amazinyo akho usebenzise nento  
 yokuhlamba umlomo.”



Ulizo wabaleka wabuyela kweyona ndawo  
 ayithandayo emlanjeni. Wamangaliswa, ezibuza ukuba  
 wayeza kwenza ntoni na kanene?

Lyle headed back to his favourite place at the river.  
 What was he going to do?

Lyle NEVER brushed his teeth. He didn't floss them either.  
 One day Harry Hippo saw Lyle looking very grumpy.  
 “What’s the matter with you, Lyle?” asked Harry.  
 “I have toothache,” cried Lyle.  
 “You need to see a dentist,” said Harry.  
 “But I’ve NEVER been to a dentist in my life,” said Lyle.



While he was basking in the setting sun, Lyle heard, *krr... krr... krr... krr...* Then he noticed the blue-grey legs around him.

Ngelixa wayegcakamele ilanga lisiya kunina, uLizo weva ngo*krr... krr... krr... krr...* Waze waqaphela imilenze ezuba-nangwevu eyayimngweqile.



When Pippa had finished, she said, “I’ll have to clean your teeth more often, Lyle, but you should go back to Dr Canine every year for a check-up.”

Akugqiba uNokrekre, uye wathi, “Kuza kufuneka ndilicoce izinyo lakho rhoqo, Lizo, kodwa kuza kufuneka ubuyele kuGqirha Bamba, umndwendwele unyaka nonyaka ukuze awahlole rhoqo amazinyo akho.”



ULizo AKAZANGE axukuxe ebomini bakhe. Akazange avungule nditsho nangomsonto wesilika.

Ngenye imini uMandla Mvubu wabona uLizo equmbile. “Yintoni ingxaki yakho wena, Lizo?” wabuza uMandla. “Ndinezinyo eliqaqambayo,” wakhala watsho uLizo. “Kufuneka uye kugqirha wamazinyo,” watsho uMandla. “Kodwa ANDIZANGE ndikhe ndiye kugqirha wamazinyo ebomini bam,” watsho uLizo.




“If you don’t clean your teeth, you’ll get tooth decay,” said Dr Canine sternly. “You should floss and use a mouthwash.”




ULizo wayengafuni ukuvumela  
 ugqirha wamazinyo ukuba  
 avale umngxuma  
 oseziinyweni lakhe kuba  
 wayesoyika isixhobo  
 sokugrumba izinyo  
 esishukumayo nesenza  
 INGXOLOKAZI.  
 Woyika nokuba izinyo  
 lakhe likhutshwe.

Lyle would not let the dentist fill his tooth  
 because he was afraid of the shuddering NOISY  
 drill. He even refused to have his tooth pulled out.



“Don’t worry, my friend, I’ll make an appointment for  
 you,” said Harry.  
 But Dr Molar, the dentist, said he was full and couldn’t  
 see Lyle.

“Ungakhathazeki, mhlobo wam, ndiza kukwenzela  
 idinga phaya,” watsho uMandla.  
 Kodwa uGqirha Mhlathi, ongugqirha wamazinyo, wathi  
 kugcwele akazukukwazi ukumbona uLizo.



ULizo wawuvula kancinci umlomo wakhe  
 ekuqaleni, waze ethubeni wawuvula kakhulwana.  
 UNokrekre waxhuma waya kulo ngqo.  
 Ngelixa abahlobo bakaNokrekre bekhangelela  
 izinambuzane kufutshane, yena wakhupha ukutya  
 namasuntswana entlanzi ezinyweni likaLizo.  
 Wakhupha nomsonto womnatha wokuloba iintlanzi!






Bangaphi abantwana  
abadlala ngqaphu kunye?

How many children are  
playing together?

How many eggs sizzle  
in the pan?  
Mangaphi amqanda  
aqhotswa esitovini?



How many?  
Zingaphi?



Carole Bloch  
Reviva Schermbrucker  
Pamela Maseko



Reproduced by kind permission of The Little Hands Trust and the Project for the Study of Alternative Education in South Africa (PRAESA). To find out more about PRAESA, go to [www.praesa.org.za](http://www.praesa.org.za).

Ipapashwe ngokutsha ngemvume yabakwaThe Little Hands Trust neProject for the Study of Alternative Education in South Africa (iPRAESA). Ukuze ufumane ulwazi oluthe vetshe ngabakwaPRAESA, ndwendwela ku-[www.praesa.org.za](http://www.praesa.org.za).



Nal'ibali is a national reading-for-enjoyment campaign to spark and embed a culture of reading across South Africa. For more information, visit [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) or [www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi)



UNal'ibali liphulo likazwelonke lokufundela ukuzonwabisa elinjongo yalo ikukuvuselela nokwendiselisa inkcubeko nesithethe sokufunda kuMzantsi Afrika uphela. Ukuze ufumane iinkcukacha ezithe vetshe, ndwendwela ku-[www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) okanye ku-[www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi)





How many fat hens peck  
in the yard?  
Zingaphi izikhukukazi  
ezityebileyo ezixhola  
inkozo eyadini?



How many yellow suns  
shine in the sky?

Mangaphi amalanga  
amthubi akhazimla  
esibhakabhakeni?



How many tummies are  
full now?



1. One yellow sun  
Linye ilanga  
elimthubi



2. Two fat hens  
Zibini izikhukukazi  
ezityebileyo



3. Three playing  
children  
Bathathu abantwana  
abadlala uggaphu



4. Four sizzling eggs  
Mane amaqanda  
aqhotswayo



5. Five full tummies  
Zihlanu izisu  
ezihluthiyo


Zingaphi izisu  
ezihluthiyo ngoku?



“What’s up with you, Lyle?” said Pippa, the plover.  
 “You seem so down in the dumps.”  
 Lyle did not answer. He kept his mouth firmly SHUT.  
 “Yintoni ngawe, Lizo?” watsho uNoktreke, igxya.  
 “Ubonakala ungemhlanga kwaphela.”  
 ULizo akazange aphendule. Wathula wathi TU.

Lyle opened his mouth a little at first, then a little wider. Pippa jumped right into it.

While Pippa’s friends searched for insects nearby, she picked food and pieces of fish out of Lyle’s teeth. She even removed some fishing line!



But Lyle did NOT like to be strapped to the  
 dentist’s chair. When Dr Canine asked him to open  
 his mouth wider, Lyle threatened to BITE him.  
 Kodwa uLizo WAYENGAKUTHANDI  
 ukubotshelelwa esitulweni sikagqirha wamazinyo.  
 Uthe uGqirha Bamba xa emcela ukuba awuvule  
 kakhulu umlomo wakhe, ulizo wamqobiselela  
 ngokumLUMA.

“I’ll try another dentist,” said Harry, showing concern for his friend who was groaning in pain.

But Dr Incisor said his consulting chair was not long enough for Lyle to sit in. He was also afraid that the lights might be too bright for Lyle.

“Ndiza kuzama omnye ugqirha wamazinyo,” watsho uMandla, ebonisa inkxalabo ngomhlobo wakhe owayegcuma ziintlungu.


Kodwa uGqirha Luma uthe isitulo sakhe sezigulane asikho side ngokwaneleyo ukuba singahlala uLizo. Wayesoyikela nento yokuba izibane zakhe ziza kuqaqamba ngokugqithisileyo zimtyhaphaze uLizo.



Pippa and her friend sang a little song, trying to comfort Lyle.  
 "How can you make a crocodile smile?"  
 "Take him to swim in the Nile!"  
 But Lyle kept his mouth firmly SHUT.  
 "Open your mouth, Lyle, or I won't be able to help you," said Pippa.



UNokreke nomhlobo wakhe bacula ingonyana, bezama ukuthuthuzela ulizo. "Ungayenza njani ingwenya ukuiba incume? Mse kamlambo iNayili aye kuqubha klonal!" Kodwa ulizo wathula wathi TU. "Vula umlomo wakho, Lizo, okanye asizukukwazi ukukunceda," watsho uNokreke.



His friends stayed away from him and they complained about his STINKY breath.

Abahlobo bakhe bahlalela kude kunaye kuba babekhalaza besithi umphefumlo wakhe UYANUKA.



Lyle's tooth ached more and more and he became grumpier and grumpier.

Izinyo likaLizo laye liqaqamba ngokuqaqamba kwaye wayengonwabanga konke-konke.




When Harry phoned Dr Canine for an appointment, he agreed to see Lyle.  
 "Bring him after hours," he said. "When my other patients have gone home!"  
 Uthe uMandla akufowunela uGqirha Bamba eza kwenza idinga, wavuma uqirha ukumbona ulizo. "Mzise ngorhatya," watsho. "Xa ezinye izigulane zigodukile?"



## A tribute to a dear friend

On 31 December 2017, Nal'ibali lost a dear friend when our African languages project manager, Nkululeko Ndiki, passed away suddenly.



Nkululeko Ndiki

Nkululeko was part of the backbone of the Nal'ibali Supplement. Since 2012, he made sure that four African languages sat proudly next to English in over one hundred editions. He worked very hard and with astounding skill to ensure that what we published was always of the highest possible quality.

We have lost one of the most talented isiXhosa editors in the country, and a South African committed to ensuring that all our languages assume their rightful place. But more than that we have lost a gentle, caring and generous human being who helped nurture Nal'ibali into being.

Nkululeko truly understood the power that the written word has to shape lives. His legacy lives on in the ways in which his words have inspired us and our Nal'ibali Supplement readers, and through his contribution to indigenous South African languages.

Hamba kahle, Nkululeko! We will always be grateful to you.

## Ukunika imbeko yokuggibela kumhlobo esimthandayo

**Ngomhla wama-31 kweyoMnga wama-2017, singuNal'ibali silahlekelwe ngumhlobo esimthandayo xa obengumphathi weprojekthi yeelwimi zethu zesiNtu, uNkululeko Ndiki, esishiya ngesiqophe kweli limagad'ahlabayo.**

UNkululeko ebeyinxalenye yentsika yoHlelo lukaNal'ibali. Ukususela ngowama-2012, ebeqinisekisa ukuba iilwimi ezine zesiNtu zinikwa isidima sazo nxamnye nesiNgesi kwiintlelo ezingaphezu kwekhulu. Usebenze nzima kakhulu ezibalula ngesakhono sobuchule esimangalisayo ukuze aqinisekise ukuba okupapashwayo kusemngangathweni ongowona uphezulu unokufumaneka.

*Mokgapa o mogolo o wele dithaga tša lla bošogošogo.*

The mighty has fallen and all those who relied on him felt the impact.

*Uwile umthi omkhulu, abebexhamla kuwo bafe namthanyana.*


*Matlakala Linkie Kganyago - Sepedi editor  
nguMatlakala Linkie Kganyago - Umhleli weSepedi*

*How very quietly and silently he tiptoed into our world,  
Only a moment he stayed,  
But what an imprint his footprints have left upon our hearts,  
Go well, my brother.*

*Pulane Mahlasela - Sesotho editor*

*Ebechwechwela kwihlabathi lethu ngenzolo,  
Kanti uya kuhlala ithutyana kuphela,  
Kodwa hayi uphawu lwakhe olusisigxina alushiye ezintliziyweni zethu,  
Hamba kakuhle, mntakwethu.*

*nguPulane Mahlasela - Umhleli weSesotho*



Silahlekelwe ngomnye wabahlali besiXhosa abaphume izandla elizweni lethu, nommi waseMzantsi Afrika obezinikele ekuqinisekiseni ukuba zonke iilwimi zethu zixatyisiwe. Kodwa ngaphezu koko silahlekelwe ngumntu obelinene, enenkathalo nobubele, ofake isandla ekukhuliseni uNal'ibali wade womelela.

UNkululeko ebekuqonda ngenene ukuba amandla egama elibhaliweyo afanele ukuzibumba izimo zobomi babantu. Ilifa alishiyileyo liya kuhlala liphila kwangendlela amazwi akhe asikhuthaze ngayo thina nabafundi bethu beeNtelo zikaNal'ibali, nangegalelo lakhe kwiilwimi zesiNtu zaseMzantsi Afrika.

Hamba kakuhle, Nkululeko! Siya kuhlala siyikhumbula imisebenzi yakho.

### NAL'IBALI ON RADIO!

Tune into the following radio stations to enjoy listening to stories on Nal'ibali's radio show!

**Ikwekwezi FM** on Monday, Wednesday and Friday at 9.45 a.m.

**Lesedi FM** on Monday, Tuesday and Thursday at 9.45 a.m.

**Ligwalagwala FM** on Monday to Wednesday at 9.10 a.m.

**Munghana Lonene FM** on Monday, Wednesday and Friday at 9.35 a.m.

**Phalaphala FM** on Monday to Wednesday at 11.15 a.m.

**RSG** on Monday to Wednesday at 9.10 a.m.

**SAfm** on Monday, Wednesday and Friday at 1.50 p.m.

**Thobela FM** on Tuesday and Thursday at 2.50 p.m., on Saturday at 9.20 a.m. and on Sunday at 7.50 a.m.

**Ukhozi FM** on Wednesday at 9.20 a.m. and on Saturday at 8.50 a.m.

**Umhlobo Wenene FM** on Monday to Wednesday at 9.30 a.m.

**X-K FM** on Monday, Wednesday and Friday at 9.00 a.m.



### UNAL'IBALI KUNOMATHOTHOLO!

Ngena, umelele ezi zikhululo zikanomathotholo zilandelayo ukuze wonwabele amabali kwinkqubo kaNal'ibali esasazwa kunomathotholo!

**KuIkwekwezi FM** ngoMvulo, ngoLwesithathu nangoLwesihlanu ngo-9.45 kusasa.

**KuLesedi FM** ngoMvulo, ngoLwesibini nangoLwesine ngo-9.45 kusasa.

**KuLigwalagwala FM** ngoMvulo ukuya ngoLwesithathu ngo-9.10 kusasa.

**KuMunghana Lonene FM** ngoMvulo, ngoLwesithathu nangoLwesihlanu ngo-9.35 kusasa.

**KuPhalaphala FM** ngoMvulo ukuya ngoLwesithathu ngo-11.15 kusasa.

**KuRSG** ngoMvulo ukuya ngoLwesithathu ngo-9.10 kusasa.

**KuSAfm** ngoMvulo, ngoLwesithathu nangoLwesihlanu ngo-1.50 emva kwemini.

**KuThobela FM** ngoLwesibini nangoLwesine ngo-2.50 emva kwemini, ngoMgqibelo ngo-9.20 kusasa nangeCawe ngo-7.50 kusasa.

**KuUkhozi FM** ngoLwesithathu ngo-9.20 kusasa nangoMgqibelo ngo-8.50 kusasa.

**KuUmhlobo Wenene FM** ngoMvulo ukuya ngoLwesithathu ngo-9.30 kusasa.


**KuX-K FM** ngoMvulo, ngoLwesithathu nangoLwesihlanu ngo-9.00 kusasa.

# The pouch of gold

By Phumlani Mavimbela ✨ Illustrations by Natalie and Tamsin Hinrichsen

One morning a homeless man woke up. He had spent the previous night begging for food, but no one had shown him any kindness. His stomach was growling because he was very hungry. Desperate to find food, he walked through the village market begging merchants for their leftovers.

"Please ... please ... It's been two days since I have eaten. Please give your leftovers to a poor homeless man," he pleaded.



But most people pretended he was invisible. Those who saw him, threw rotten fruit at him and called him names like "street rat" and "slum dog".

After many tries and many insults, the man decided to go scratching through a nearby rubbish dump, hoping he might find food there. While he was searching through piles of old rubbish, he suddenly saw a small leather pouch that was tied at the top with string. He picked it up and opened it. It was full of gold coins! With a heart filled with joy, he counted his treasure.

"One, two, three ... a hundred gold coins!" he said when he had finished counting. "This will feed me for the rest of my life."

As the man ran back into the market place looking forward to having a full stomach, he heard a merchant shouting, "Listen everyone! I have lost my pouch of gold coins and I will reward anyone who brings it to me!"

The homeless man had a kind heart and he felt bad for the merchant. He decided to do the right thing.

"Is this the pouch you have lost?" he asked, holding up the pouch he had found.

"Oh my, you've found it!" said the merchant taking the pouch and counting the gold coins inside.

The homeless man waited a while then he asked softly, "Sir, you said something about a reward?"

"Reward?" scoffed the merchant. "Why should I give you a reward? You have already stolen some of the coins!"

"I have not taken anything from the pouch. Please, can I have the reward you promised?" asked the homeless man.

"The pouch I lost had two hundred gold coins in it. Now it only has a hundred coins. You have already stolen more than your reward," said the merchant angrily.

"Please, sir, I have not stolen anything," explained the homeless man. "All the coins are in the pouch, exactly as I found them."

"Go away, before I call the king's guards to arrest you," shouted the merchant.

"I may not seem like much to you, but I am an honest man," said the homeless man. "Call the guards and I will prove myself before the king."

So, the merchant called the guards. Then the merchant followed them and the homeless man to the king.

"What can I do to help the two of you?" asked the king when the merchant and the homeless man were standing in front of him.

The merchant was the first to speak. He told the king his side of the story. He explained how many gold coins had been in his lost pouch and how the homeless man had stolen half of them.


The king listened to the merchant, then he turned to the homeless man and asked, "What do you have to say for yourself?"

"My king, I found the pouch on the rubbish dump and it had only a hundred gold coins in it," said the homeless man bowing his head as he spoke. "That is the truth."

The king thought for a while and then he said, "Merchant, am I correct? You say that your pouch had two hundred gold coins in it."

"Yes, my king," said the merchant.


"I see," said the king stroking his long beard. "Well, I believe both of you and I can solve this easily! Merchant, you said that the pouch you lost had two hundred gold coins in it. That is a lot of gold to carry around in a small pouch. But, the pouch this homeless man found only had a hundred gold coins inside. That means that this is not the pouch that you lost. I order you to give it to the homeless man immediately."



And so, the merchant had no choice but to give the pouch to the homeless man. The homeless man's honesty had paid off and he lived a long and happy life, with plenty to eat every day.

Ngenye intsasa indoda engenakhaya yavuka ngokwesiqhelo. Yayichithe ubusuku bephezolo ingqiba, icela ukutya, kodwa zange kubekho nomnye umntu oyenzela ububele. Isisu sasigrugruza kuba yayilambe kakhulu. Iqhutywa yingxingo neentsizi zokukhangela ukutya njalo, yazula-zula kwiindawo ezithengisayo kuloo lali, ingqiba kubarhwebi ukuze ifumane ukutya okushiyelekileyo nemibeko.

“Ncedani ... ncedani ... Sezimbini iintsuku ndingasaty. Ncedani nikani indoda engenakhaya neswelelo ukutya kwenu okushiyelekileyo,” yabongoza isitsho le ndoda.



Kodwa abantu abaninzi benza ngathi ayibonakali emehlweni abo le ndoda. Abo bayibonayo, babeyigibisela ngeziqhamo ezibolileyo, beyenyelisa nangamagama amabi afana nala athi “wena uyimpuku yesitrato” kanye “uyinja yasebugxwayibeni”.

Emva kwemizamo emininzi nezithuko ezininzi, le ndoda yenza isigqibo sokuya kuphanda kwindawo ekuchithwa kuyo inkunkuma ekufutshane, ngethemba lokufumana ukutya apho. Ithe isaphanda kwezo ngqimba zenkunkuma ebolileyo, yafumana ingxowa encinane eyenziwe ngesikhumba eyayibotshelelwe phezulu ngomtya. Yayiphakamisa yaza yayivula. Yayizele ziingqekembe zegolide! Ngentliziyo ephuphuma luvuyo, yabala indyebo yayo ethe yayifumana.

“Inye, zimbini, zintathu ... zilikhulu iingqekembe zegolide!” yatsho yakugqiba ukubala. “Ezi ziya kundondla ubomi bam bonke.”

Yathi xa le ndoda ibaleka ibuyela kwindawo yorhwebo ijonge phambili ekuhlohleni isisu sayo, yeva umrhwebi ekhwaza esithi, “Mamelani nonke! Ndilahlekelwe yingxowa yam yeengqekembe zegolide kwaye ndiya kumnika ibhaso nabani na onokuyibuyisela kum ingxowa leyo yam asakuyichola!”

Indoda engenakhaya yayilunge kakhulu, ngoko ke yamsizela umrhwebi lowo. Yenza isigqibo sokwenza into elungileyo.

“Ingaba yiyo le ingxowa ekulahlekeleyo?” yabuza, iphakamisele phezulu ingxowa leyo eyayichole.

“Owu, ewe, yiyo kanye le!” watsho umrhwebi ethatha ingxowa ebala iingqekembe zegolide ezazingaphakathi kuyo.

Indoda engenakhaya yalinda umzuzwana yaza yabuza ngelizwi eliphantsi, “Mnumzana, ubuthethe ngebhaso?”

“Ibhaso?” wamnyevulela umrhwebi. “Kutheni kufuneka ndikunike ibhaso nje? Sowuzibile nje ezinye iingqekembe!”

“Akukho nto ndiyithathe engxoweni. Ndicede wethu, kutheni ungandiniki ibhaso obuthembise ngalo nje?” yabuza indoda engenakhaya.

“Ingxowa ibindilahlekele ibineengqekembe zegolide ezingamakhulu amabini kuyo. Ngoko le ineengqekembe zegolide ezilikhulu kuphela. Sowuthathe ngaphezu kwebhaso lakho,” watsho ngomsindo umrhwebi.

“Uxolo Mnumzana, akukho nto ndiyibileyo,” yachaza njalo indoda engenakhaya. “Zonke iingqekembe ezisengxoweni, zisenjengoko bendizifumene, ncam.”

“Hamba suka apha, ndingekabizi abalindi bakakumkani ukuba bakubambe,” wangxola umrhwebi.

“Nokuba ndibonakala ndingafani nawe, kodwa ndiyindoda ethembekileyo,” yatsho indoda engenakhaya. “Biza abalindi ukuze ndibeke ubungqina bam phambi kukakumkani.”

Ngoko ke, umrhwebi wabiza abalindi. Umrhwebi wabalandela yaze yalandela nendoda engenakhaya ukuya kukumkani.

“Ndinganzela ntoni nina nobabini?” wabuza ukumkani xa umrhwebi nendoda engenakhaya babemi phambi kwakhe.

Kwaqala kwathetha umrhwebi. Waxelela ukumkani icala lakhe leballi. Wazichaza ke umrhwebi ukuba bezingaphi na iingqekembe zegolide ebezisengxoweni elahlelekileyo nendlela indoda engenakhaya ebe ngayo isiqingatha sazo.

Ukumkani wamamela umrhwebi waza wajika wajonga kwindoda engenakhaya wabuza, “Uthini ke wena?”

“Kumkani, ingxowa ndiyichole kwindawo ekuchithwa kuyo inkunkuma inekhulu kuphela leengqekembe zegolide,” yatsho indoda engenakhaya ithokombise intloko yayo ngelixa ithetha. “Yinyaniso emsulwa leyo.”

Ukumkani wacinga okwethutyana waza wathi, “Mrhwebi, ndikuve kakuhle? Uthi ingxowa yakho ibineengqekembe zegolide ezingamakhulu amabini kuyo.”

“Ewe, kumkani wam,” watsho umrhwebi.

“Ndiyabona,” watsho ukumkani ephulula intshebe yakhe ende. “Ewe, ndiyankholelwa nobabini kwaye ndingakusombulula ngendlela elula oku! Mrhwebi uthi ingxowa ebikulahlekele ibineengqekembe zegolide ezingamakhulu amabini. Ininzi kakhulu loo golide ayinakuphatheka ngengxowa encinane. Kodwa, ingxowa efunyenwe yile ndoda engenakhaya ibineengqekembe zegolide ezilikhulu kuphela kuyo. Oko kuthetha ukuba le asiyongxowa ebikulahlekele. Ndikuyalela ke ngoko ukuba uyinikezele kwindoda engenakhaya le ingxowa kwangoku ndithetha nawe.”



Ngoko ke, umrhwebi wayengenakwenza ngakumbi, wanyanzeleka ukuba ayinikezele kwindoda engenakhaya leyo ingxowa enegolide. Ukuthembeka kwendoda engenakhaya kwayihlawula, yaza yaphila ubomi obude nobonwabelekayo, yahlala inokutya okuninzi yonke imihla yokuphila kwayo.

# Nal'ibali fun

## Okokuzonwabisa kwakwaNal'ibali

1.

- ☉ Priya promised her younger brother, Rahul, that she would read to him. Can you help him get to her?
- ☉ UPriya uthembise umnakwabo, uRahul, ukuba uza kumfundela. Ungamnceda umkhombise indlela ukuba aye kuye?



2.

☉ How many of these can you see in the picture below?

- ducks \_\_\_\_\_
- fish \_\_\_\_\_
- boats \_\_\_\_\_
- books \_\_\_\_\_
- birds \_\_\_\_\_
- trees \_\_\_\_\_
- picnic baskets \_\_\_\_\_
- people enjoying stories \_\_\_\_\_
- people wearing hats \_\_\_\_\_
- people sitting down \_\_\_\_\_

☉ Kwezi zinto zilandelayo, zingaphi ozibona emfanekisweni?

- amadada \_\_\_\_\_
- iintlanzi \_\_\_\_\_
- izikhephe \_\_\_\_\_
- iincwadi \_\_\_\_\_
- iintaka \_\_\_\_\_
- imithi \_\_\_\_\_
- iibhasikithi zepikiniki \_\_\_\_\_
- abantu abonwabele amabali \_\_\_\_\_
- abantu abathwele iminqwazi \_\_\_\_\_
- abantu abahleli phantsi \_\_\_\_\_



3.

☉ Tell your own story which is based on the picture in (2). Start like this: "One day, Neo and ..."

☉ Balisa elakho ibali elisekelwe kulo mfanekiso uku-(2) apha ngasentla. Qala ngolu hlobo: "Ngenye imini, uNeo kunye ..."

Answers/Impendulo: (2) 6, 3, 1, 3, 4, 3, 1, 5, 2, 4

Don't forget that we will be taking a break until the week of 15 April 2018. Enjoy the holidays, and join us after the holiday for more Nal'ibali reading magic! In the meantime, visit [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) or [www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi) to find stories and reading-for-enjoyment inspiration.



Visit us on Facebook:  
[www.facebook.com/nalibaliSA](http://www.facebook.com/nalibaliSA)  
 Sindwendwele kwikhasi lethu likaFacebook:  
[www.facebook.com/nalibaliSA](http://www.facebook.com/nalibaliSA)

Ungalibali ukuba siza kukhe sithathe ikhefu kude kube yiveki yomhla we-15 kuTshazimpuzi kowama-2018. Yonwabela iiholide zakho uze usijoyine kwakhona emva kweholide ukuze ufumane ubugqi obongezelekileyo bokufunda bakwaNal'ibali! Okwalo mzuzu, ndwendwela ku-[www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) okanye ku-[www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi) ukuze ufumane amabali kunye novuselelo lokufundela ukuzonwabisa.

Produced for Nal'ibali by the Project for the Study of Alternative Education in South Africa (PRAESA) and Tiso Blackstar Education. Translation by Kholisa Podile. Nal'ibali character illustrations by Rico.

Daily Dispatch

The Herald

Sunday Times

SW  
 Sunday World

Drive your imagination